Isifundo 2

**Julayi 1–7*

Igunya LikaPawulos NeGospile

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:
2 Pet. 3:15, 16; Galati 1; Phil. 1:1; Gal. 5:12.

Indima Yenkumbulo:
"Kuba ngoku ndithomalalisa abantu, ndithomalalisa uThixo, kusini na? Ndifuna ukukholisa abantu na? Ukuba ndingaba ndisakholisa abantu, ndingaba andingumkhonzi kaKristu" (Galati 1:10).

Abafundi kwenye iyunivesithi bakha embindini wekhampasi indawo kawonke wonke eyayingakhethe luhlanga, sini, umgangatho ekuhlaleni okanye inkolo. Yiba nombono xa aba bafundi, emva kweminyaka, bebuyela kule khampasi baze bafumane le ndawo imiswe ngenye indlela ngokuthi, le ndawo yayilungiselelwe bonke abantu, isuke yahlulahlulwa yaba ngamagunjana awabelwa iintlanga, isini, njalo njalo. Abafundi abenze ukwahlulahlula bangaxoxa ngelithi, igunya labo livela kwiinkulungwane zesithethe esimiyo.

Yinto le efana nemeko awayekhangelene nayo uPawulos xa wayebhala ileta yakhe eya kumabandla aseGalati. Icebo lakhe lokuba iiNtlanga zinako ukuhlangana ngokholo kuphela lanikwa umngeni ngabafundisi ababuxoki abanyanzelisa ukuba iiNtlanga kufuneka zoluke phambi kokuba zibe ngamalungu.

Eli nyathelo, uPawulos walibona njengelihlasela undoqo wevangeli ngokwayo; waza wanyanzeleka ukuba aphendule. Impendulo yileta eya kumaGalati.

***Funda isifundo sale veki ukulungisela iSabatha kaJulayi 8.*

UPawulos, Umbhali WeLeta

Funda 2 Petros 3:15, 16. Ezi ndima zisixelela ntoni ngendlela ibandla lokuqala elakubona ngayo okubhalwe nguPawulos? Kusifundisa ntoni oku ngendlela impefumlelo esebenza ngayo?

Xa uPawulos wayebhalela amaGalati, wayengazami ukuveza into entubululu yoncwadi. Endaweni yoko, phantsi kwenkokhelo kaMoya Oyingcwele, uPawulos wayethetha ngeemeko ezikhoyo ezazibandakanya yena kunye namakholwa aseGalati. Iileta ezifana neyamaGalati zadlala indawo enkulu kulungiselelo lobupostile bukaPawulos. Njengomvangeli eziNtlangeni, uPawulos waseka iqela lamabandla athe saa kwiMeditari. Nangona wawatyelela la mabandla xa enakho, wayengakwazi ukuhlala endaweni enye ixesha elide. Ukubuyekeza ukungabikho kwakhe, uPawulos wawabhalela iileta ukuze awanike inkokhelo. Ngokuhamba kwexesha, iileta zikaPawulos kwabelwana ngazo namanye amabandla (Kol. 4:16). Nangona ezinye iileta zikaPawulos zalahleka, ubuncinane iincwadi ezilishumi elinesithathu kwiTestamente eNtsha zinegama lakhe. Njengoko ebonisa la mazwi kaPetros angentla, ngethuba elithile imibhalo kaPawulos yabonwa njengesiBhalo. Oku kubonisa ukuba lingakanani igunya ulungiselelo lwakhe olwahamba lwaluzuza kwimbali yebandla.

Ngaxa lithile, amanye amaKristu akholelwa ukuba ukumila kokubhalwa kweeleta zikaPawulos kukodwa—indlela ekhethekileyo edalwe nguMoya ukuze ibe neLizwi likaThixo eliphefumlelweyo. Le mbono yaguquka xa abafundi ababini baseOxford, uBernard Grenfell noArtheru Hunt, bafumana eYiputa amaphetshana akumawaka angamakhulu amahlanu awayebhalwe kwiphepha lotyani, elalithandwa kakhulu lisetyenziswa kwiimfumba zeminyaka phambi kokuzalwa nasemva kukaKristu). Ukongeza ekufumaneni le mibhalo yakudala-dala yeTestamente eNtsha, baya bafumana namaphetshana afuna intlawulo, awokubuyiselwa kwerhafu, iirisithi kunye neeleta zabantu. Okwamangalisa uninzi lwabantu, kukuba, imo yeeleta zikaPawulos kwafumaniseka ukuba yayifana neeleta zomhla wokubhala kwakhe. Ukumila kwakunje: (1) umbuliso wokuvula okhankanya igama lombali nalowo iya kuye, kubekho nombuliso; (2) ilizwi lombulelo; (3) isiqu seleta; ekugqibeleni ibe (4) isiphelo. Ngokufutshane, uPawulos wayelandela imo eqhelekileyo yexesha lakhe, ethetha nabantu bexesha lakhe ngolwimi nendlela ababeqhelene nayo.

Ukuba iBhayibhile ibingabhalwa namhlanje, loluphi ulwimi, ukumila nohlobo ocinga ukuba iNkosi ibingalusebenzisa ukuze ifikelele kuthi ngoku?

Ubizo LukaPawulos

Nangona iileta zikaPawulos zikholisa ukulandela uhlobo lweeleta zakudala, amaGalati aneempawu ezizodwa ezingafumanekiyo kwezinye iileta zikaPawulos. Xa ziqondwa, ezi yantlukwano zinganceda ekuqondeni imeko uPawulos awayejongise kuyo.

Thelekisa umbuliso kaPawulos ekuvuleni kumaGalati 1:1, 2 noko akubhale kumaEfese 1:1, Filipu 1:1, no-2 Tesalonika 1:1. Zeziphi iindlela othi umbuliso kaPawulos ufane okanye wahluke ngazo kwezinye iileta?

Umbuliso kaPawulos wokuvula kumaGalati awanelanga nje ukuba mde kuneminye, kodwa uphuma ecaleni achaze igunya lobupostile bakhe. Ngokuphandle, igama mpostile lithetha "umntu othunyiweyo" okanye "umthunywa." KwiTestamente eNtsha, ngokwakulo, libhekisa kubalandeli bokuqala bakaYesu abalishumi elinambini nakwabanye awabonakala kubo uKristu ovukileyo waza wabathuma ukuba babe ngamangqina aKhe (Gal. 1:19, 1 Kor. 15:7). UPawulos uvakalisa ukuba ukweli qela labakhethiweyo. Into yokuba uPawulos ayikhanyele into yokuba ubupostile bakhe bulele emntwini inika into ethi kwakukho imizamo ngabathile eGalati yokusingela phantsi igunya lobupostile bakhe. Kuba kutheni? Njengoko sibonile, abanye ebandleni babengonwabanga sisigidimi sikaPawulos sokuba usindiso lungokholo kuKristu kuphela, hayi ngemisebenzi yomthetho. Kubo yayingathi uPawulos ukusingela phantsi ukuthobela umthetho. Baberhubuluza ke aba benzi boqhushululu. Babesazi ukuba igunya lesigidimi sikaPawulos lihlangene negunya lobupostile bakhe (Yohane 3:34), baza bazimisela ukulihlasela elo gunya. Kanti ke, abazange balihlasele ngqo igunya lobupostile bukaPawulos; basuka bazixoxela nje besithi alibalulekanga kangako. Kona kona, babanga ukuthi uPawulos akangomnye wabalandeli bakaYesu bokuqala; igunya lakhe, ngoko, lalingaveli kuThixo kodwa ebantwini—mhlawumbi kwiinkokheli zebandla eAntiyokwe ezabathumayo uPawulos noBharnabhas njengabavangeli (IZenzo 13:1–3). Kungenjalo, mhlawumbi, lalivela kuHananiya, owabhaptiza uPawulos ekuqaleni (IZenzo 9:10–18). UPawulos, ngokucinga kwabo, wayengumthunywa nje waseAntiyokwe okanye eDamasko—kuphela! Ngapha koko, bathi isigidimi sakhe siyimbono yakhe kuphela, singelilo iLizwi likaThixo. UPawulos wayiqonda ingozi yezi zityholo zibekwayo, wakhawuleza wabukhusela ubupostile abunikwe nguThixo.

Zeziphi iindlela, nokuba zihamba phantsi, ekuthi namhlanje kuhlaselwe igunya lesiBhalo nalapha ebandleni lethu? Singayiqonda njani le mingeni? Okubaluleke kakhulu, (mhlawumbi) zibe nempembelelo enjani kwindlela ocinga ngayo ngegunya leBhayibhile?

Lwesibini

Julayi 4

IGospile KaPawulos

Ukongeza ekukhuseleni kwakhe ubupostile bakhe, yeyiphi enye into ayicinezelayo uPawulos kumbuliso wakhe ovula umaGalati? Thelekisa umaGal. 1:3–5 nomaEfese 1:2, Filipu 1:2, nomaKolose 1:2.

Olunye lweempawu ezizodwa zeeleta zikaPawulos yindlela ahlanganisa ngayo amagama ubabalo noxolo emibulisweni. Ukuhlanganiswa kwala magama mabini kukumiswa ngokutsha kwemibuliso eqheleke kakhulu esiGrikeni nasesiYudeni. Apho umbhali womGrike ebeya kuthi "Imibuliso" (chairein), uPawulos uthi "Ubabalo," umabizwafane esiGrikeni (charis). UPawulos wongeza umbuliso oqheleke kwisiYuda othi "Uxolo." Ukuhlanganiswa kwala magama mabini asikokwenza nje ubumnandi. Kwelinye icala, amagama achaza isiseko sesigidimi segospile yakhe. (Inyaniso yeyokuba, uPawulos uwasebenzisa la magama mabini ngaphezu kwakhe nawuphi umbhali kwiTestamente

Yeyiphi imiba yegospile ayiqukayo uPawulos kumaGalati 1:1–6?

Nangona uPawulos enendawana encinane embulisweni avula ngawo yokuba atyebisa uhlobo lwegospile, uyichaza ngobuchule obukhulu injongo yegospile kwiindima ezimbalwa. Ithini inyaniso engumongo ezinze kuyo igospile? NgokukaPawulos, asikokugcina kwethu umthetho—nto leyo abo bachasa uPawulos babeyibabaza. Ngokuchaseneyo noko, igospile izinze ngokupheleleyo kwinto esayenzelwa nguKristu ngokufa kwaKhe emnqamlezweni nokuvuka kwaKhe kwabafileyo. Ukufa nokuvuka kukaKristu kwenza into esasingenakuze sizenzele thina ngokwethu. Kwaphula amandla esono nokufa, kukhulula abalandeli baKhe kwigunya lobubi elithimbe abaninzi ngoloyiko nobukhoboka. Uthi uPawulos xa ethetha neendaba ezimangalisayo zobabalo noxolo asenzele lona uThixo kuKristu, asuke adanduluke ngendumiso, efunyanwa kwindima yesi-5.

Ngamazwi amaninzi njengala asetyenziswe nguPawulos kumaGalati 1:1–5, bhala into oyiqondayo ngokuba ingantoni igospile. Yiza namazwi akho eklasini ngeSabatha.

Ayikho Enye IGospile

Yintoni eye ilandele umbuliso wokuvula kwiileta zikaPawulos? Wahluke ngantoni umaGalati? Thelekisa umaGal. 1:6 nomaRoma 1:8, 1 Kor. 1:4, Filipu 1:3, no-1 Tes. 1:2.

Nangona uPawulos ethetha ngazo zonke iintlobo zemingeni neengxaki zasekuhlaleni kwiileta zakhe, wayesasiqhuba isiqhelo sokulandelisa umbuliso wakhe wokuvula ngelizwi lomthandazo okanye umbulelo kuThixo ngokholo lwabo baza kufunda. Wenza oku nakwiileta eziya kumaKorinte, awayexakene nazo zonke iintlobo zokuziphatha (thelekisa u-1 Kor. 1:4 no-5:1). Imeko yaseGalati icaphukisa kangangokuba, uPawulos ude awuyeke ngokupheleleyo umbulelo asuke angene ngqo emxholweni.

Ngawaphi amazwi anzima uPawulos awasebenzisayo ukubonisa umgangatho wokuhlupheka kwakhe ngento eyayisenzeka eGalati? Funda umaGalati 1:6–9, 5:12.

UPawulos akashiyi nalinye ilizwi ekumangaleleni kwakhe amaGalati. Xa kuthethwa phandle, uwatyhola ngokungcatsha ubizo lwawo njengamaKristu. Kakuhle, igama phambuka [ukubuyela - NKJV] elikwindima yesi-6, lalikholisa ukusetyenziswa kumasoldati awayeshiya ukunyaniseka kwilizwe lawo ngokushiya umkhosi. Ngokwasemoyeni, uPawulos uthi amaGalati aguqul' iibhatyi anikele uThixo umhlana. Ayemshiye njani amaGalati uThixo? Ngokuya kwigospile eyahlukileyo. UPawulos akathethi ukuba kukho enye igospile, kodwa babekho ebandleni ababesithi, ngokufundisa ukuba ukholo kuKristu lwalunganelanga (IZenzo 15:1–5)—babe benza ukuba kube ngathi kukho enye (igospile). UPawulos ucatshukiswa kakhulu koku kukrunwa kwegospile ade anqwenele ukuba bonke abashumayela igospile eyahlukileyo bangathi bawe phantsi kwesiqalekiso sikaThixo! (Gal. 1:8). UPawulos uyibethelela le nto ade ayiphinde ukuyithetha (Gal. 1:9).

Kukho namhla, ebandleni lethu (kwezinye iindawo), umkhwa wokuthetha ngamava ngaphezu kwemfundiso. Into ebaluleke kakhulu (kutshiwo) ngamava ethu, ubudlelwane bethu noThixo. Sele ebaluleke kakhulu enjalo amava, kufundisa ntoni oku kubhalwe nguPawulos ngokubaluleka kwemfundiso elungileyo?

Imvelaphi YeGospile KaPawulos

Abenzi boqhushululu eGalati babebanga ukuthi igospile kaPawulos yayiqhutywa kukufuna ukwamkelwa ngabanye. Ngewayenze ntoni uPawulos kwileta yakhe ukuba wayefuna ukwamkelwa ngabantu? Qaphela umaGal. 1:6–9, 11–24.

Kwakutheni ukuze uPawulos angafuni ukuba abaguqukileyo beeNtlanga bangaluki? Abachasi bakhe bathi kungokuba wayefuna abantu abazinikelayo nakanjani. Mhlawumbi babecinga ukuba uPawulos wayesazi ukuba iiNtlanga ziya kuba nengxaki ngokwaluka, waza akulufuna (ulwaluko). Wayengumkholisi wabantu! Ukuphendula kwezo zityholo, uPawulos wabakhombisa abachasi bakhe kumazwi awayesanda kuwabhala kwindima yesi-8 neye-9. Ukuba into awayeyifuna kukwamkelwa, ngewayephendule ngolunye uhlobo.

Kutheni uPawulos esithi akunako ukuba ngumlandeli kaKristu xa uzama ukukholisa abantu?

Emva kwentetho kaPawulos kwiindima ye-11 neye-12 ngokuba wayifumana igospile negunya kuThixo ngqo, amazwi akhe kwiindima 13-24 ayichaza njani loo nto?

Iindima 13–24 zinika ingxelo yombhali uPawulos ngemeko yangaphambi kokuguquka kwakhe (iindima 13, 14), ekuguqukeni kwakhe (iindima 15, 16), nasemva kokuguquka (iindima 16–24). UPawulos uthi, iimeko ezirhangqe isiganeko ngasinye azivumi ukuba ubani angabanga ukuba igospile wayifumana komnye ingenguye uThixo. UPawulos akazi kuhlala nje ajonge avumele nabani ukuba agculele isigidimi sakhe ngokuba nengxaki ngobizo lwakhe. Uyayazi into eyenzeka kuye, uyayazi awabizelwa ukuba ayifundise, kwaye uza kuyenza, nokuba kuhla ntoni.

Uqiniseke kangakanani ngobizo lwakho kuKristu? Ungazi njani ukuba ukubizele ntoni ngokwenene uThixo? Ngelo xesha linye, nokuba uqinisekile ngobizo lwakho, kutheni le nto kufuneka ukufunde ukuphulaphula icebiso labanye?

Further Study:

"Phantse kulo lonke ibandla kwakukho amalungu awayengamaYuda ngokuzalwa. Kwaba baguqukileyo, abafundisi bamaYuda bahamba lula, kwathi ngabo bazuza inyathelo lokuma emabandleni. Kwakunzima, ngokweengxoxo zeziBhalo, ukuzikhaba iimfundiso zikaPawulos; kungoko kwabhenelwa kwezona ndlela zingaphucukanga ukuzama ukuthintela impembelelo yakhe nokuthena igunya lakhe. Bathi wayengenguye umfundi kaYesu, nokuba akazange athunywe nguYe; ukanti wayebonakala efundisa iimfundiso ezichasene nezikaPetros, noYakobi, nabanye abapostile. . . . "Umphefumlo kaPawulos wakhathazeka akubona ububi obabuza kutshabalalisa amabandla ngokukhawuleza. Kwangoko, wabhalela amaGalati, eveza iimfundiso zawo zobuxoki, ekhalimela ngokukhulu abo baye bemka elukholweni."—Ellen G. White, *Sketches From the Life of Pawulos*, pp. 188, 189.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Eklasini, fundani inkcazo zenu ngokuqonda kwenu ukuba iyintoni na igospile. Singafunda ntoni koko kubhalwe ngamalungu ngokwahlukeneyo?

2. Embulisweni kaPawulos kumaGalati, ubabaza ukuba ukufa kukaYesu kwenzeka ngenxa yesizathu esiqinisekileyo. Sasisithini isizathu eso, saye sinantsingiselo ni kuthi namhlanje?

3. KumaGalati 1:14 uPawulos uthi wayenenzondelelo enkulu ngezithethe zooyise. "[Nge]zithethe" unokuba uthetha ngezithethe zozibini, ezazidluliswa ngokubaliswa kunye neTestamente eNdala ngokwayo. Ingaba ithini indawo yezithethe (ukuba ikhona) kwinkolo yethu? Silumkiso sini esinokunikezwa kuthi namhlanje ngamava kaPawulos ngokubhekiselele kuwo wonke umba wesithethe?

4. Kwakutheni ukuze uPawulos aze abonakale engakwazi ukuba"nyamezela" abo babekholelwa ngokwahlukileyo kunaye? Funda kwakhona ezinye zezinto awazibhalayo ngabo babe nembono eyahlukileyo ngegospile. Angathiwani kwelethu ibandla namhlanje umntu obambe ingcamango enjalo eqinileyo, nenganikezeliyo?

Isishwankathelo:

Abafundisi ababuxoki baseGalati babezama ukusingela phantsi umsebenzi kaPawulos ngokuthi ubupostile bakhe nesigidimi sakhe segospile zazingaveli kuThixo. UPawulos wajongana nazo zozibini ezi zityholo kwiindima zakhe zokuqala kwileta yakhe eya kwabaseGalati. Uyibeka ngesibindi into yokuba inye kuphela indlela yosindiso, atsho achaze indlela iziganeko ezirhangqe ukuguquka kwakhe ezinokuvela ngayo kuphela kuThixo.

Notes